Lirolelwa 3s 6d nge Kwata
(itunyelwe ingekapeli).

—:o:—

Unokuhlaulela wonke Unyaka ngokutumela l3s 6d nangalipina ixesha lonyaka.

Izaziso Zabazelweyo, Abatshatileyo, ne Mipanga, irolelwa 1s. ngexesha ngalinye ezingene ngalo.

# IMVO NELISO LOMZI

## (NATIVE OPINION AND GUARDIAN.)

*Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories*

ELIPEPA LIPUMA
NGOLWESI-NE
IVEKI ZONKE

Lltunyelwa kwindawo zonke apa ema Zantsi-Afuka, e Yerepe, nase Melika.

Lijonge Ilungelo Lomzi kupela.

Limele imfanelo ya Bantsundu ngapandle koloyiko.

Alicaluli Sizwe nalu Nqulo.

Vol. XIV, No. 699]    KING WILLIAMS TOWN, CAPE COLONY, THURSDAY, MARCH 17, 1898.    [IXABISO 3d.

## IZAZISO ZAKOMKULU.



*ZISHICILELWA 'NGE GUNYA*

## INTSHUMAYELO

NGU MHLEKAZI U SIR ALFRED MILNER.

Ilungu le Nkundla Epakamileyo yo Mntan' Omhle i Knight Grand Cross la libalulekileyo lo Saint John no Saint George, u Mnum Buto le Bath, Iruluneli no oyi Ntloko we Koloni yo Omhle yase Cape of Good Hope e Safafika, nama Zwana kwakunye nezi Baxa zawo, u Mpatiswa Mikosi yo Mntan' Omhle apa e Safa-fika, njalo njalo, njalo njalo, njalo njalo.

EKUBENI kunqweneleka ukwenza amalungiselelo kumteto olaulayo kwizipaluka ezikankanywa ku Mbandela ohlonyelwa kule Ntshumayelo, ukukusela ngangoko kunokwenzeka ukupangwa kokutya okondla umntu nosapo lwake, okoba ngezigwebo ze Nkundla zo Mteto: Ngenxa yoko ke, nangelungelo lamandla, namagunya endiwapatisiweyo, ndiya shumayela, ndicacisa, ndisazisa ukuba ukususela kolu lusuku, iyakuba ngu mteto wokuba umntu nawupina omangalelwe waza wagwetywa nayiyipina Inkundla ekuwo lo Mazwe axeliweyo, nangani kungaba oko kucasene ne Ntshumayelo ze 110 ye 1879, 112 ye 1879, ne 140 ye 1885 nganye, nawupina omnye umteto, ukuyaleza ibatu lokutya emaze lingapangwa, eliya kwanelela lomntu nosapo lwake isituba senyanga ezilishumi elinambini, okuya kukuselwa, kengoko eku- ngapangweni, nasekungatengisweni.

TIXO SINDISA INKOSAZANA!

Inikwe pantsi kwe sandla sam, yancanyatiselwa nge Tywina le Koloni yo Cape of Good Hope, ngolusuku lwa 24 KU January, 1898.

A. MILNER,
Iruluneli.

Ngomyalezo wo Mhlekazi i Ruluneli kwi Gqugula la Komkulu,
J. GORDON SPRIGG. No. 30, 1898.

*Umbandela wale Ntshumayelo.*

1. Pesheya kwe Nciba, kunye nelakwa Gcaleka.
2. Eba Tenjini, kunye nelakwa Bomvana.
3. Ema Mpondweni, ase Mpumalanga nase Ntshonalanga.
4. Port St. John's (Umzimkulu).
5. Griqualand East (Embo).

# ISAZISO!

## Sokumiswa kwe Arente Yomsebenzi e Johannesburg ngu Rulumente wase Koloni.

KUYAZISWA apa kubo bonke abantu okokuba u Mr. H. P. TILLARD, umiselwe ukuba abe yi Arente Yomsebenzi yo Rulumente wase Koloni e Johannesburg.

Olumiselo Iwenzelwe ukuze luncede Abantsundu abaya kwelo lase Rautini ngokufuna umsebenzi, okanye benqwenela ukwazi ngezihlobo nezalamane ezisebenza emingxunyeni yakona.

Kulungiselelwe kanjako ukuba Abasebenzi Abantsundu babe nokunikela imivuzo yabo, okanye inxalenye yayo, kwi Gosa Lomsebenzi elo ukuba liyigcine, okanye batumele ngalo imali kwi zihlobo nezalamane ezise Koloni nase zipalukeni zayo zabantsundu. Lomali ke injalo yofunyanwa kwi Civil Commissioner okanye kwi Mantyi ehlala kulo ndawo okanye kulo mandla akuwo lomntu utunyelwe imali. Umtumeli we mali wohlaula umrumo we Sheleni Ezimbini ezine Sikispeni (2s. 6d.) ngemali asukuba eyitumela ngexesha elinye.

I Ofisi ze Gosa Lomsebenzi lo Rulumente wase Koloni zise MARSHALL STREET. Indawo ezinokutunyelwa ngayo incwadi zake azibhalelwayo okwangoku yile; P.O. Box 669; Ezocingo incwadi kutiwe "KAFFIR," JOHANNESBURG.

W. E. STANFORD, Umongameli
Wemicimbi Yabantsundu.

Kwi Ofisi Yemicimbi Yabantsundu, E Kapa, 14 February, 1898.

ISAZISO SAKOMKULU.—No. 16. 1898.

Kwi Ofisi *ye Nkulu yo Nocanda, E Kapa,* 20 *October,* 1897.

NGENXA ye Siqendu sesibini so Mteto No 15 ka 1887, esite songezelelwa sisiqendu sesine, sesihlanu nesesitandata so Mteto No. 40 ka 1895, kuyaz awa ke kubo bonke ukuba ezixiqwenga zilandelayo zemihlaba ka Rulumente ezikumandla wase QONCE, siya kutetelwa efandesini pambi kwe ofisi ye Mantyi yase QONCE ngo 10 o'clock kusasa ngolwesi Hlanu, 15 APRIL, 1898, ngokwendawo nezigqibo zalo Mteto ungentla, nendlela yokuqutywa kwe fandesi, nangapezu koko ngendawo ezingati zivakaliswe ngemini yefandesi.

Isiqwenga ngasinye siya kutengiswa nge- nani elimisiweyo noyena mtengi onani lipezala lingengapantai kwelo limisiweyo nya kuwunikwa lomhlaba.

Kanjalo umtengi lowo uyakuba nemvume yokuhlaula yonke okanye inxalenye yemali awutenge ngayo kwalo mini. Ukuba

(i.) Intlaulo ayirolwanga ngemini ye fandesi, iaiqendu seshumi semali leyo sorolwa ngenyanga ezintandatu, size esinye seshumi sirolwe ngonyaka ukususela kwimini yefandesi.

(ii.) Ze kuti ukuba kurolwe imali engapantsi kwesiqendu seshumi semali otengwe ngayo ngalo mini, eseleyo kweso siqendu seshumi yohlaulwa ekupeleni kwenyanga ezintandatu, ze isiqendu seshumi esiseleyo sihlaulwe ngo- nyaka ukususela kumhla we ntengiso.

(iii.) Xa ite imali ehlaulweyo ngemini ne yefandesi yasisiqendu seshumi senani nokuba lilipina pakati kwesiqendu se shumi nesesihlanu senani lentengiso (yomhlaba lowo) intsalela yesiqendu sesihlanu senani lentengiso iyakuhla- ulwa ekupeleni konyaka ukususela kumhla we fandesi.

(iv.) Xa sukuba imali yentengo ingapantsi kweponti ezimashumi mabini anesihlanu, kufuneka irolwe yonke njengoko injalo, kwaoko, kungenjalo irolwe ngeziqingata, ezilinganayo, ezoba nokuyigqiba ngesituba seminyaka emi- tatu.

Inzala kwezo siqingata zixeliweyo ngentla apa yoba yi 4 per cent, ngonyaka; ukuhlaulwa kwezo ziqingata ndawonye nenzala yayo kuya kulungiswa ngalomhla we fandeai, kubeko izibambiso ezibini eziya kukolisa imantyi, eziya kuti ke ziqinisekise ukuhlaulwa kwalo matyala.

Ukuba ke nte umtengi, umhlaumbi iziba- mbiso zake azapumelela, okanye azanela akuhlaula imali yokutengwa komhlaba kwi situba sexesha elimisiweyo, kuya kumfanela U Rulumente ukuba akucime oko kutengiswa, ize iti imali ebiselihlaulwe ingabalelwa kwanto isiwe ku Rulumente.

Indleko zocando kwi lot nganye neye taitile yi 12/3. siya kuhlaulwa kwi mantyi okanye kumntu owoti amiswe kulondawe ngalomhla we fandesi.

Umtengi xa lite inani layi £25 nangapezulu, nnyanzelekile ukuba enze imvumelwano yokuba uya kurola inzala eyakuba yi 4 per cent, ngonyaka ku Rulumente endaweni ye four-fifths yemali yentengiso, ade abe abhatele ngomhla we fandesi ngapezu kwe one-fifth sayo, enga- seyisiti inzala irolwe kulo mali ingekahlaulwa, waye umtengi enako ukuhlaula imali yemvumelwano naninina nokuba yinxalenye yayo ingengapantsi kwe £50.

Ukuba umtengi ufuna ukuba ake eme ekuhlauleni intsalela yemali yokutengwa komhlaba kuya kufuneka enze imvumelwano yenyanga ezilishumi elinantatu ukususela kumhla we fandesi, engayenzanga lento uya kudliwa i 1/ yonke imihla xa selidlule ixesha lomnqopiso, ekuya kuti ukuba kude kwapatelela kwinyanga ezilishumi elinesibhozo emva koko lomali iseleyo kunye ne nzala yale yokudliwa ukuba iko kufuneka eyihlaule iyokuhlanganiswa nokokuba kukuyi pina inkundla, ati ukuba akayiroli emva kwenyanga, sakuba isigwebo siwile lomhlaba uhlutwe ngu Rulumente, ze imali abe seleyirolile ibe yeka Rulumente.

Izalatiso nemigaqo yefandesi ingabonwa kwi ofisi ye Nkulu yo Nocanda e Kapa, nakweye Mantyi e Qonce.

J. TEMPLER HORNE,
Surveyor. General.

KUMANDLA WASE QONCE.
*Kubu Felkorneti* No. *XII.*

Lot No 7915, isiqwenga somhlaba esiku- mandla wase Qonce, kubu Felkorneti No XII, ekutiwa ngu Lot 10, kufupi ne Berlin, ububanzi 9 morgen, 269 square roods 91 sq ft, upela ngasentla ngo Lot 7, ngase zantsi ngendlela, ngase mpumalanga ngo Lot 9, ngase ntshonalanga ngo Lot No 11. Inani lentengiso, £15 Indleko zocando, njalo njalo, £5 3s, eye taitile 12/3. Ukuhlazt ywa okwenziwe kule lot okukwixabise la £86 17s, kuya kuhlaulwa ngu mtengi ngalo mini ye fandesi.

*Kubu Felkorneti No. IV.*

Lot No 7439, ekntiwa ngu Lot 157, kwi ntlambo ye Rabula, ububanzi 18 morgen 539 sq rds npela ngasentla empumalanga ngo Lot 153. ngase zantsi entshonalanga ngedle lo, ngase zantsi empumalanga ngedlelo. ne Lot 156, ngasentla entshonalanga ngedlelo. Inani lentengiso £40, eye taitlile 12/3.

*Kumzana wase Frankfort.*

7822 Lot 15 Block G 42 75 4 0 0 1 60

| | | |
|---|---|---|
| 7823 Lot 43 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 7824 do 45 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 7825 do 46 .. | 42 136 | 2 0 0 |
| 7826 do 61 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 9254 do 66 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 9255 do 67 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 9256 do 68 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 9257 do 69 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 9258 do 70 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 7827 do 71 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 7828 do 72 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 7829 do 73 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 9259 do 76 ... | 42 136 | 2 0 0 |
| 9260 do A ... | 343 84 | 2 0 0 |
| 9261 do B ... | 313 84 | 2 0 0 |
| 9262 do C ... | 343 84 | 2 0 0 |
| 9263 do D ... | 343 84 | 2 0 0 |
| 9264 do E ... | 343 84 2 0 0 | |
| *Kwa* | *Qoboqobo* | |
| 9265 Lot 2 ... 1 | 533 133 | 6 0 0 |
| 9266 „ 3 ... 1 | 533 133 | 6 0 0 |
| *Amasimi, Kumzana wase Middle* | | |
| 3569 Lot 42 ... | 333 6 | 3 0 0 |
| 3570 do 43 ... | 572 72 | 4 0 0 |
| 3587 do 60 ... | 286 116 | 3 0 0 |
| 3588 do 61 ... | 288 115 | 3 0 0 |
| 3589 do 62 ... | 288 63 | 3 0 0 |
| 3590 do 63 ... | 288 48 | 3 0 0 |
| 3591 do 64 ... | 281 72 | 3 0 0 |
| 3592 do 65 ... | 287 106 | 3 0 0 |
| 3597 do 70 ... | 326 33 | 3 0 0 |
| 3598 do 71 ... | 308 14 | 3 0 0 |
| 3599 do 72 ... | 306 33 | 3 0 0 |
| 3600 do 73 ... | 325 92 | 3 0 0 |
| 3601 do 74 ... | 399 41 | 3 0 0 |
| 3602 do 75 ... | 336 110 | 3 0 0 |
| 3603 do 76 ... | 338 13 | 3 0 0 |
| 3604 do 77 ... | 587 96 | 4 0 0 |
| 3605 do 78 ... | 319 141 | 3 0 0 |
| '3606 do 79 ... | 341 12 | 3 0 0 |
| 3607 do 80 ... | 369 12 | 3 0 0 |
| 3608 do 81 ... | 336 139 | 3 0 0 |
| 3609 do 82 ... | 316 117 | 3 0 0 |
| 3610 do 83 ... | 878 73 | 3 0 0 |
| 3611 do 84 ... | 304 25 | 3 0 0 |
| 3612 do 85 ... | 307 130 | 3 0 0 |
| 3613 do 86 ... | 306 68 | 3 0 0 |
| 3614 do 87 ... | 329 1 | 3 0 0 |
| 3615 do 88 ... | 321 55 | 3 0 0 |
| 3616 do 89 ... | 319 76 | 3 0 0 |
| 3617 do 90 ... | 319 76 | 3 0 0 |
| 3618 do 91 ... | 385 83 | 3 0 0 |
| 3619 do 92 ... | 427 78 | 3 0 0 |
| 3620 do 93 ... | 359 94 | 3 0 0 |
| 3621 do 94 .. | 426 53 | 3 0 0 |
| 3622 do 95 ... | 340 130 3 0 0 | |
| *E* | *Balakisini* | *kwa* |
| 9267 Lot 11 ... | 292 105 | 15 0 0 |
| 9268 do 15 ... | 292 105 15 0 0 | |
| 9269 do 19 ... | 292 105 15 0 0 | |
| 9270 do 20 ... | 292 105 15 0 0 | |
| 9271 do 21 ... | 292 105 | 15 0 0 |
| 9272 do 22 . . | 292 105 | 15 0 0 |
| 9273 do 24 ... | 292 105 | 15 0 0 |
| 9274 do 29 ... | 292 105 | 15 0 0 |
| 7861 do 47 ... | 383 69 | 2 0 0 |


## C. A. Jay & Co.

BASE QONCE.

BAFIKELWA ngeveki zonke zinqanawa eziza nempahla zentsimbi.

Izinto zokusebenza, zentlobo zonke, zawo onke amashishini Izitya—Ezegilasi, Ilampu, Iparaflni, Amagaba, Imihlakulo, yentlobo zonke, Amazembe, Ibedsteads, njalo-njalo.

*YIZANI KUZIBONELA.*

YIYANI KWA
G. MUNZEL
Cambridge Road, e Qonce,
NITENGE
Ikofu, Swekile,Izibane, Cuba Ihopu ne Jinji Biya, Izonka ne Ziqamo.

Ufudukele ngakwa W. BEHR & CO.

## UKUQINISELWA KOBOM.

YININA ukuba ungaqiniseli ubom bako kwi Komponi eyeyona ilungile- yo? Umntu owaqinisela ubom bake kwiminyaka emashumi mabini egqitileyo, elizaliseke nonyaka nje ixesha lake, uzuze lemali:—

Inani Awaziqinisela ngalo ... £250 O 0 Imali ayirole ngonyaka.................................................. 1118 4
Imali ayinikwe nonyakanje ... 366 15 O

Zonke indawo ezimayelana nokuqinise- lwa kobom zinokufunyanwa ku

*William Wells,*
I-Arente ye
Equitable Life Assurance Society, U.S
E QONCE.

## A. W. FISCHER (Umzi obusakuba ngoka A. BEET) Emonti

Usand' ukufikelwa Yimpahla Entsha entle kunene, IPRINTI, CREPONS, GRASS LAWNS, njalo njalo. INGUBO ZAMANENE.-Kwezamanene kusand'ukuvulwa EZIBUHLUNGU I-Twidi EZIBANDAYO, NEZIMNYAMA, ezitengiswa NGAMANANI APANTSI PAKULU-

AMACICI E-GOLIDE NAWE SILIVERE.

A. W. FISCHER, (Umzi obusakuba ngoka A. Beet)
ARGYLE STREET, EMONTI

IKAYA LABANTSUNDU.

LEMINYAKA I 18

IGQITILEYO,
SINGENISE KWELI LIZWE

BLANKETE ZOBOYA.

*EZILUKWE NGOBUGCISA OBU- BODWA Igama laeo yi EXTRA NAVY or MATTROSS."*

Kungeniswe ngabanye intlobontlobo ezifana noluhlobo; esigqibe ke kwelokuba SIZIPAULE i BLANKETE ZONKE ngopawu esiluqinisele na Komkulu ngohlobo lwemifanekiso le yongamele lenteto.

Ukuba ufuna IBLANKETE YEYENE NE, kangelisa kunene ukuba inawona umfanekiso we NGONYAMA kwelinye LAMASONDO ayo.

ZONKE EZI BLANKETE ZIZEZINGATANDATYUZWAYO.
ZONKE EZI BLANKETE ZILUNGILE ZITE GUNGQU BLANKETE NGANYE IYAYIVELA IMBOLA.

Kwivenkele enitengakuzo-ke bizani Iblankete ezinomfanekiso we Ngonyama

Ziya kubaku kuzo zonke ivenkile za Pesheya kwe Nciba nase zidolopini zonke,

APO ZIPAKULWA KONA KUKO

## JAS. W. WEIR & CO.

Ngabo bodwa abanokubhala lomfanekiso we Ngonyama

## W. THOMSON

WE VENKILE, YASE
WHITTLESEA

SESONA Sitora sisiso e Whittlesea nakulo mandla. Sinaso zonke intlobo zempahla. Zonke izinto zekifanelekileyo zaye zitengiswa tshipu. Kusoloko kufika Impahla ezintsha. Ilokwe, Iprinti, Inainsook, ne Muslin, Keleko, Iqiya, Ihempe, Ibatyi, Ibulukwe, ityali, Ishiti, Izihlangu ne Shuzi, Ikofu, Swekile, Ti, Umgubo, Iparafini, lcuba, njalo njalo.

Abantu Bamkelwa Ngobubele.

The New Jagersfontein Mining and Exploration Co.
(LIMITED)

## JAGERSFONTEIN MINE

*The General Manager intimates that able anti strong men will find work.*

Good Wages. Food Free, and Good Treatment;

## Intengiso Enkulu Yempahla!

(Ekufuneka ipelile ukuze kuboko ituba Lempahla yase Busika eza kufika kamsinya).

ISUTI ZAMADODA, 10/11,15/, ne 22/6
IHEMPE „ ezimhlope, 2/9, ezifanelwe yi 5/3
„ „ zokusebenze, 1/2, 1/4, 1/11

ZABE ZILUNGILE KUNENE.

IBHULUKWE elungileyo eyomeleleyo ye Kodi itotywe ixabiso lakwi 5/11.

IZIHLANGU ne SHUZI zitotyelwe kumaxabiso efandesi — yiza kubona ezetu zamadoda ze 6/11, isimanga sexabiso nobu tshipu, izihlangu ezomelele kangaka

INTSALELA ZE PRINTI zitengiswa ngamanani asezantsi ukuze zipele tu.

ITYALI—Lilo eli ixesha lokuba nizifumanele isisulu zitotyelwe kwi 3/6 inye. Ninto eninzi ye Sampulu ze Tyali ezisand'ukufika ziyakutengiswa ngama xabiso e fandesi.

I BLANKETI zitengiswa ngamanani atshipu.

IHEMPE ZAMAKWENKWE, ISUTI, IZIHLANGU, NE MINQWAZI zonke zitotyiwe.

*Ukuba aninako ukuza ngokwenu tumelani i-odolo inemali yento ozifunayo nge Post, saye siyaku kwanelisa kuba zonke i-odolo ezivela ngapandle zikangelelwa siti ngokwetu.*

## Owen & Thomson,

Obefudula ingu Dyer & Dyer, Ltd. (Retail)
KING WILLIAMS TOWN.

## Stevenson, Mitchell & Co

BASE QUEEN'S TOWN,

Bane Fandesi Elikulu

Lempahla zonke, lisaquba nango Feb. lo

Amanani Empahla Atotywe Kakulu

## R. R. V. JEFFREYS

IGOSA LO MANYANO

Ngabasebenzi Abantsundu, Ltd.,
E RAUTINI

*Queens ♦ Town ♦ Agency.*

APA kwalaliswa izibonda nabo bonke abantu ngamalungelo kwabantsundu abangaba bafuni umsebenzi kwele Rauti (e Johannesburg nakumandla wakona) ngolumanyano olungenanto nabu gayi.

1. Abantsundu bamkwa imali kaloliwe, eye pase kwaneyo kuqapula ze kanjalo bamkele imali yokudla xa base luhambeni.
2. Ixesha angasebenzela Iona umntu alinga pezu kwenyanga ezimbini.
3 Olumanyano luxasa i Komponi ezi 99, elingati iqela lamadoda anga 25 afuna ukusebenza kwi Komponi etile, kuti ukuba kufanelekile atatwe
4. Abantsundu abaziqeshese ngolo hlobo bayapiwa ukutya
5. Ize babuyise 30s. kumvuzo wenyanga zabo zokuqala.
6. Umvuzo ude ufikelele kwi 10s. Ngenyanga.
7. Abantsundu abavela e Koloni bakolisa ukuqeshelwa, umsebenzi wangapezulu.
8. Akusetyenzwa nge Cawa ngapandle kokuba kuba kunyanzelekile ukuba kwenjiwenjalo.

Olumanyano luyakuba hlaula abantu abazise amaqela angenga pantsi kwa 25 amadoda asiwe e Komani okanye nakusipina isitishi sika Jeffreys Kodwa kwaziswe ogama lingentla.

P.O. Box 115, Cathcart Chambers, Queen's Town.

## The Singer Manufacturing Company.

EKUBENI imise i Arente e Qonce ngoku, inoku fumanisa nalupina uhlobo alufunayo umntu Iwe

SINGER SEWING MACHINE

Ngendlela kuqala yokuqeshisa kurolwa 10s. ngenyanga, ade umtengi aye kufikela kwixabiso layo. Amaxabiso e Mashini zezandla aqalela kwe £7 anyuse, kwapulwa 10 per cent, xa imali irolwa kwaoko; oko kukuti 2a. epontini.

O Mashini bayamelwa ixesha elitile ekuyakuti ukuba wonakele ngapambi kwalo alungiswe ze. Ne Arente zinoku bafundisa abatengi indlela yokusebenzisa i SINGER SEWING MACHINE. Zonke incwadi ezibuza ngazo ne odolo kwabazifunayo zobhekiswa ku

*M. ARTZ, Queen Street, King Wm's, Town.*



*Bonke baya kwa*



*BAKER*



## Izisulu Ezibalulekileyo

KWA

BAKER, BAKER & CO

Ezona lokwe ezimabala avasekayo zase Hlotyeni elungileyo ezingaqeleke ku- bonwa apa e Qonce.

Imicako ye Crepon Muslins yi 3d. nge yadi
„ ye Muslins ezinokuvaswa 4d. nge yadi „ ye Printi „ 4 1/2d. 5 1/2d

Kumasebe Zisulu Zamanewunewu kuma sebe onke empahla Zamankazana.

## INGUBO!

Ukuba akuna kuza, bhalela kubo bokutumela isampulu.

# ODAMS Sheep Dips

FLUID & POWDER

IYAQONDWA yaye isetyenziswa ngu Rulumente Ekunyangeni Ibhula. Kwakona eka ODAM Idipu Engamanzi yokudipa Ngenxa ka Landipasi.

*Inika impilo ezigusheni nase zibhokweni.*

Illungiselela ukukula nobuhle boboya nobo Seyibokwe, ayilonakalisi ibala

Inokufunyanwa kuzo zonke izindlu ze Dipu zakwa Rulumente kule Koloni na Pesheya kwe Nciba.

I ARENTE ENOKUFUNYANWA KUZO

DUNN & CO., E Monti.
BAKER, BAKER & CO., E Qonce.

## Beauchamp, BoothCo.

E QONCE.

*Siyanazisa ukuba siwafezile amalungiselelo ebe siwenza sine*

## Mpahla Ezintsha!!

I GERMAN PRINTS, ezona zilungileyo yi 6d i yadi.
IZITAFU Ezipindiweyo (double width) intlobo zonke zamabala yi 1/- iyadi (ngamanani alula).
ITYALI ezintsha zoboya ezisandulu kufika zenziwe kakuhle ziqala kwi 4/- ziye kwi 40/- inye.
IHEMPI eziyi micako ezomeleleyo ye 6d 7 1/2d, 9d, nge yadi.

*ILOKWE ZOKUTSHATA esezenziwe kade ziqala kwi £1 5s zide yiye kwi £5, zinako noku dolwa ze zenziwa kwa oko.*

IVEYILE ZABATSHAKAZI, intyantyambo.

IZIHLANGU ne SHOES nayo yonke into efunekayo yomtshato.

Yizani Kubona Isitora setu esikulu esitsha.

## Beauchamp, Booth & Co

Late JOHN J. RVINE

Nantsi into Manenekazi!



IBLAUZI!
IBLAUZI!
IBLAUZI!

ZIYALAHLWA nge 6d. inye

Amaxabiso angapambili I/- ne 1/3 inye

FOLOKOCO, u Pasiko,

Ningalibali kanjalo apo nombona kona, ngokwake SALUF, ezantsi kwe Tyalike yama Skotshi, E QONCE.


## African and American Working Men's Union

### ISAZISO KUBA BAMBI ZAHLULO

INTLANGANTSO yaba bambi-zahlulo yesigingata sokupela somnyaka iyakuba se Bhayi (Port Elizabeth), kwindlu yo Manyano, Irvine Street ngolwesi BINI, MARCH 29, 1898, iyakuqala ngo 7'30 p.m.

Yenzelwa ukwamkela ingxelo ya Bapati, kwanohlobo ezimi ngalo imali nomsebenzi'; ukususela kumhla we 1 July ku 31 December, 1897.

Kwakuleyo ntlanganiso kuyakunyulwa abapati ababini ezikundleni zo Messrs. P. Y. RWEXU (umfi) no A. TUNYISWA ; kwa nabahluzi ababini kwiikundla zo Messrs. PEZISA no SIVA, Abashenxayo, banoku buya banyulwe kanjalo.

MOSES D. FOLEY, Trustee.

Port Elizabeth, February 28, 1898. [4243


Fundan'apa_Mafama_Ningalibali!

Idipu zika BATTLE Zegusha!

ZIMINYAKA INGAMASHUMI OMAHLANU ZIKO.

NANTS'NTO OKAD'UYIFUNA!

MAFAMA, ukuba ninga ninganyanga igusha zenu ebhuleni sebenzani nge Dipu zika BATTLE, eyo-Mgubo Nengamanzi. Zezona Dipu Zegusha Zilungileyo, Zingena ngozi, Zitshipu e South Africa apa, cakulo lonke. Idipu sika BATTLE zegusha zisetyenziswa Ngamafama angawona ate putu ehlabatini; kanifuude incwadi ezingqinayo kumapetshana ashicilelweyo.

Ezika BATTLE Idipu Zegusha "azike zibulale Gusha " ; into yazo kunyanga ibula; zilungisa uboya; zizinika impilo negusha ngokwazo.

Sebenzani kupela ngezika BATTLE Idipu Zegusha; uqiniseke ukuba uzuze eka BATTLE, ukuba unga zingamnlope igusha zako zingabi nabhula.

Banayo bonke abatengisi, Pesheya kwe Nciba, nase Koksted, Nakwindawo zonke zakwa Rulumente zempahla ye South Africa.

ARTHUR and CO. LIMITED,

Kupela kwe Arente e South Africa,

Amanani Alula Kuntsundu

NGOLOLIWE UKUYA NOKUVELA KWELE

Rauti nase Dayimani ngendlela yase NDWE,

Ngamaqela ayi 25 nangapezulu

Ukuya e JOHANNESBURG 25/3 emnye
„ KIMBERLEY 18/11
„ JAGERSFONTEIN 9/11

GIBBERD & BRYANT.

Ngaye wonke u FEBRUARY,

Ifandesi Lempahla yase Hlotyeni

Ngamanani Atotyiweyo

Izihlangu Ezitshipu!

Iprinti Ezitshipu!

Isisulu Kuwo onke Amasebe

GIBBERD & BRYANT,



*Amafandesi.*

INTENGISO ye Mpahla e Blaney, Ngolwesi TATU, 6 APRIL, 1898. Impahla eyakutengiswa mayitunyelwe kuse kutshanje ku

T. W. HEYWOOD,
Umteteli Fandesi.

Amayeza ka Cook Abantsundu.

UMZI ontsundu ucelelwa ukuba ukange lise lamayeza abalulekileyo.
Elika

COOK Iyeza Lesisu Nokusaxaza. 1/6 ibotile.
Elika

COOK Iyeza Lukokohlela (Lingamafuta). 1/6 ibotile.
Aka

COOK Amafuta Ezilonda Nokwekwe. 9d. ibotile
Elika

COOK Iyeza Lepalo. 1/6 ibotile.
EzikaJ

COOK Ipils. 1/ ngebokisana.
Eka

COOK Incindi Yezinyo. 6d. ngebotile.
Oka

COOK Umciza Westepu Sabantwana. 6d. ngebotile.
Oka

COOK Umgutyana Wamehlo. 6d. ngesiqunyana
Oka

COOK Umciza we Cesine, 3/6,
Niqondise ukuba igama ngu

*G. E. COOK, Chemist,*
E QONCE.

*Ngawenkohliso angenalo igama lake*

Umgutyana ka Keating
Umgutyana ka Keating
Umgutyana ka Keating
Umgutyana ka Keating
Umgutyana ka Keating
Umgutyana ka Keating
Umgutyana ka Keating

Lo mgutyana, udume kunene awugqi- twa nto ekutshabalaliseni incukutu, intakumba, amanundu, nazo zonke izinambuzane (kodwa ungenangozi ezilweni). Zonke impahla zoboya mazigalelwe nga- lomgutyanaxa ziza kugcinwa. Unoncedo kakulu ngaselwandle. Ukuze ungadani, qiniseka ukuba utate oka " Keating umgutyana." Akuko wumbi uncedeyo. INCUKUTU, INTAKUMBA, UBULALA AMANUNDU, AMABUNGANE, INGCUNGCUNI,

Awugqitwa nto ekubulaleni intakumba, incukutu amabhungane, namanundu kwingubo zoboya nazo zonke intlobo zezi nambuzane. Abazingeli bayaku wufumana unoncedo olukulu ukubulala iintakumba ezinjeni, kwanamanenekazi kwinjana ezifuyiweyo.

ABANTU BAYAYALEZWA ukuba owona unguwo, ubhalwe igama lika THOMAS KEATING; ungenalo yinto nje yokubalahlekisa abantu. Utengiswa ngenkonxa kupela.

Izilo.— Ebantwaneni "
Izilo.— Ebantwaneni." Izilo.—
Ebantwaneni." Izilo.—
Ebantwaneni." Izilo.— Ebantwaneni."

I TABLETS zika Keating zeziloliyeza elilodwa (LENZIWE NGEMIFINO KU- PELA) ngembonakalo nango kuvakala emlonyeni, liyindlela eta nd ekayo yokunika iyeza elipilisa ngokuqinisekileyo kwizilo ezisesiswini. Alinangozi, alisebenzi ngamandla, kanye lilungele abantwana. Litengiswa ngenkonxa nangebotile, ngabo bonke abatengisi bamayeza.
Umninilo - THOMAS KEATING,
London amalungu angasileli.

UKUBA UNGA

'IKLOKO' YAKO ne 'WOTSHI' YAKO

*ZINGAHLANJWA*

—YIYA KU—

N. MEYER,

CAMBRIDGE ROAD, EQONCE.

Uzenza ngokutshipu, kunjalo nje zifungelwe.

IBaibile ze Zixosa

KWANE

TESTAMENTE

ZINOKUFUNYANWA NGOKU KWI

Ofisi ye MVO nakwa Mr. NIXON, Qonce.

ZINOKUFUMANEKA NAKWENDAWO

| | |
|---|---|
| Lovedale ... | Rev. DR. STEWART |
| Alice | Mr. R. STOCKS Mr. |
| Queer's Town ... | D-S. BARRABLE |
| Graham's Town | GROCOTT & SHERRY |
| Kimberley | Rev. N. PESCOD Rev. |
| Beaconsfield | J. S. MORRIS JUTA & Co., ETC. |
| Port Elizabeth ... | Mrs. STEWART Rev. |
| Uitenhage | T. GAMBLE KUMEI |
| Do. ... | WASO |
| Cape Town | |

Baibile Ezintsha Zesixosa nezi- tshipu 1$. 3d.

I REV. L. NUTTALL, Secretary
Cape Town.

Notice to Trespassers.

ALL persons on and after this date are prohibited from using the private foot-paths and roads leading through my farm at Fort White. Anyone doing so will be prosecuted without respect of persons. Hunting game of any description is also absolutely forbidden.

KARL WILLMER.
Fort White, March 4, 1898.

WANTED.

WHITE or COLOURED married man, who understands working wagon and oxen. For particulars apply GEO. PATMORE, Cathcart.


## *Iziganeko Zekaya*

Abazelweyo.

SOYIZWAPI.—U Thomas no Sinna Soyizwapi, obefudula engu S. Masiza, bafumene INTOMBI, nge 23 February, 1898. Princess M'cChristie. Izihlobo zivuye kunye nabo. [2173

Abatshatileyo.

GOTYWA-QOTTO. — Kutshatiswe e Goshen School, ngu Rev. Mr. Marx, ngomhla we 26 January, 1898, u OLIEVEK J. GOTYWA, wase Wartburg, no TOLA EDITH W. QOTTO, wase Goshen School. Izihlobo ezi Pesheya kwe Nciba, nase Bhai, nase Seymour, mazanele sesi saziso.

Imibiko.

MACUMELA,—Kusitele kukufa u KLARS MACUMELA, wase Tinara, ngomhla we 8 February, 1898. Ubudala bumalunga nama 70 eminyaka. Ububele e .Nkosini. Kubulelwe u Rev. 8. Magawu neramente yake ngokulunguza umfi. [3103

MTOBA,—Kusitele kukufa e Cenyu, ngomhla we 12 February, 1898, u Mrs. S. MTOBA obefudula engu Miss Q. Bobi, emva kokugula ixesha elide. Umkele enkosini. Izihlobo mazamkele lombiko. [4173

SOGOBILE, — Kusitele kukufa e Mgqwakwebe, e Qonce, ngo 26 February, 1898, u WESLEY, usana lomfi u Joel no Annie Sogobile. Ubudala inyanga zisixenxe. Abahlobo mabanesiswe ngulombiko. [3173

DIKWENI. — Kusitele kukufa, u JOSEPH DIKWENI junior; unyana wokupela ka JOSEPH DIKWENI omdala Emgqakwebe, ngolwesitatu kusasa, 2 March, 1898. Izihlobo ezikude nezikufupi ezingaziswanga mazaneliswe ngulombiko. [3232

## *Kufunwa*

KUFUNWA, Yindoda eyomeleleyo, epapileyo, newutandayo umsebenzi, ukuba iqube umsebenzi wobu Va- ngeli. Kobhalelwa ku

. Rev. GEO. WEAVER,
Wittebergen, Herschel.

KUFUNWA amadodana nentombi eziguqukileyo zokupatiswa umsebenzi ku Mkosi Wosindiso. Amabatumelo amagama ngabo kupela balangazelela ukusindisa abantu bakowabo, abavumayo ukusebenza kupela bajonge ukuvuzwa ngokutya nengubo.

KUFUNWA kwangoku INDODA ETEMBEKILEYO, ibe nenkabi zokutsala ezilishumi, ukuba itabate inqwelo yokuhamba eyakucanda kwela Pesheya kwe Nciba. Lomsebenzi woba ngowe nyanga ezintatu. Abawufunayo boya ku

A. WITTE,
Music Depot, e Qonce.

KUFUNWA.—Ititshala egqobokileyo enomfazi eqelene nokufundisa izikolo zakwa Rulumente. Ixele igama layo, nesimilo sayo, nalapo yafunda kona, nezitandati eyapumelela zona, nezikolo eyake yafundisa kuzo, nokuba inesiqin selona sakwa Rulumente, nokuba ayinasona, kodwa iqelene nezikolo ezipantsi kwabahloli ba Komkulu. Izikolo ziyakuvulwa ngo April lo uzayo. Ofuna lendawo wotumela kangoku, ngokukaulezayo, adwelise ezizizatu sezikankanyiwe.

BOYCE MAMA, Xora,
Elliotdale, Mtentu.

## *Ezinye Izaziso.*

TRANSKEIAN TEACHERS' ASSOCIATION (TSOMO).—Eli Sebe lihlangana kwa Mr. KUPA, Enconcolora, ngo MGQIBELO, 26 MARCH, ngo 9 wakusasa kanye. Ingxoxo ibanzi,

S. MILTON NTLOKO,
Acting Secretary.

INDLELA YOKUBALELA.—Bonke ababhaleli bam mabenjenje ukundi- bhalela : —

DAVID L. NCAPATI,
Native Affairs Office,
Cape Town.

INDLELA YOKUBHALELA.—Ndazisa bonke ababkleli bam ukuba banga kerishi ngo Mr. Ramsay, koko benjenje: -

3173] Rev. LUKE DAMANE

UMANYANO LWE TITSHALA ZASE HEALD TOWN.—Intla- nganiso yolu Manyano yoba se Heald Town Institution, NGOLWESI-NE, 7 APRIL. Zonke izityudini zase Heald Town ziya menywa. Umvumo yi 1s. ngomnyaka. Abo bafuna ukuza bobalela ku Rev. R. F. Hornabrook kwangoku. Abaya kufunda amapepa batumele ku Solomon J. Mvambo, e Qonce. [2173

## *Bonisani!*

BONISANI onyana baka Mqatana Dapula no Plaatje Dapula. Nga ma Pinga la kutiwa ngama Ranunga ase Gqili, ngakwa Felanti, Colesberg. Ndingu Nkohla ka Falati, into ka Da- jula.—NKOHLA FALATI DAPULA, S. Marks, Imvane, Tembuland.

BONISANI!—Ndicela amehlo (ngo- kukodwa kubantu ba Pesheya kwe Nciba nakwa Gcaleka). Ndifuna umfo wakowetu ongu LANDANI, umfo ka Mo- ntsi, um Ngqosini, nm Ngqika. Waku- lela, wondliwa ngubawo apa kwa Gqu- mahashe, kwa Fini, ema Ngqosinini. Wemka selevindoda pambi ko Ngcaye- cibi, wagoduka waya kowabo kumkuluwa wake ongu Nkonki. Wake Wabuye wafika apa kwisituba seminyaka e 14 edluleyo, wavesiti base Tutura. Sam- gqibela oko ke nge 1884. Ndicela amehlo nakwimpi ebomvu eqabayo ngase Tutura. Ondilandisayo ndombulela nge 10s., enjenje ukundibhalela: ROBERT FINI, Teacher, Gqumahashe School, near Lovedale Institution. [1

## ISEBE LE MFUNDO

### Isaziso ko Titshala

ITITSHALA Ezintsundu ezi Pesheya kwe Neiba, e Batenjini, nakwizi thili zase Mpumalanga, ziyakuba netuba lokuqeqeshwa ngesisa kwi Sinala yase Blythswood (Ngqamakwe) ngezi Holide zizayo zase Busika. Ziya kuqeqeshwa ngabafo abanokunika ezona ndlela zokufundisa izinto ngezinto.

Isebe le Mfundo liya kuzitwala zonke indleko, kudibene ezokutya nokulala e Blythswood, ngapandle kwendleko zendlela—zokuya nokubuya, ezotwalwa ngabaya kuya ngokwabo.

Ititshala ezitandayo ukuya kolu Qeqesho mazitumele kuba Fundisi abongameleye, zipiwe amapepa okwenza isicelo.

GEO. W. CASSE,
Esikundleni so Mongameli we Mfundo i

Isebe le Mfundo,
26 February, 1898.


U MR. W. O. CARTER wane Qonce unga angazisa abahlobo bake abaninzi kwabantsundu akaba akasenanto nevenkile apa engakwa Pascoe; kodwa xa bamfunayo, akaba abamele nantonina, njengokwangapambili, banokumfamana kwi stora esisemva komzi ka Mr. Hilner, wentsimbi samaxesha.—ADV

Logan & Co

ABASIKI be NGUBO

Cathcart Road

QUEENS TOWN

GILBERT FOX & SON.

(Upawu Lwempungutye Elumkileyo),

CATHCHRT ROAD, QUEEN'S TOWN.

SINIKA amaxabiso apezulu ase Marikeni nge Mveliso zama fama, ezinje nge Habile, Ingqolowa, Umbona, Ama- zimba, Trani, Itapile, njalo njalo. Sisoloko sine ntlobo ze Mbewu ye Habile, Imbewu ye Ngqolowa, Imbewu Yombona, Imbe- wu Yetapile ; kwane Ere, Amakuba, Namagaba, njalo njalo, kwa

GILBERT FOX & SON,
*Cathcart Road, Queen's Town,*
NASE QONCE, NASE MONTI

ORSMOND'S

PREPARATIONS

GREAT AFRICAN

REMEDY

THE STANDARD DOMESTIC

MEDICINE

FOR FEVERS AND COMPLAINTS OF THE HOME
*Vide PAMPHLET.*

ANTI-RELAX

GUARANTEED SPECIFIC
FOR COLIC, DIARRHOEA, DYSENTERY, AND SUMMER BOWEL COMPLAINTS.

BLOOD

PURIFIER

FOR KIDNEY AND URINARY DISORDERS, ECZEMA AND ERUPTIONS.
SORES, SYPHILIS, SCROFULA.
UNRIVALLED TONIC FOR FEMALES.

FRUIT PILLS

FOR LIVER, STOMACH AND BOWELS
PILES AND CONSTIPATION.
ARE MILD AND EFFECTIVE.

HERBAL OINTMENT.

FOR NEW AND OLD SORES, SKIN DISEASES,
RHEUMATISM, PAINS IN JOINTS AND MUSCLES
SPRAINS, INFLAMMATORY SWELLINGS.

PREPARED by G. E. COOK,
MEDICAL HALL,

KING WILLIAM'S TOWN


## ISAZISO ESIBUKALI!

ABA Guquli be Zibhalo Ezingcwele bazisa wonke umzi ofunda i Bhayibhile yesi Xhosa ukuba ngoku bapete i Testamente Entsha, nayo ke sebeza kuyigqiba.

Ngoku bayaqokela ukucela bonke abafundi be Bhayibhile yesi Xhosa ukuba bawaxele amazwi abangako- Iwayo ngawo, kwa namazwi abati ngekufakwa wona endaweni yalawo bawakalazelayo.

Aba Guquli bozikangela indawo ezinjalo baziqwalasele. Umzi onendawo ozikalazelayo mawuzitumele ku Rev. Dr. Kropf, Stutterheim; mhlaumbi bangazibhekisa ezondawo kwamanye amalungu anje ngo: — Rev. Canon Woodrooffe, Grahamstown; Rev. Dr. Soga, Miller, P.O. Umtentu; Rev. E. Makiwane, Macfarlan, Alice ; Rev. W. B. Rubusana, East London ; Mr. J. Tengo-Jabavu, King Williamstown.


ISAZISO

XA ndibulela abaxasi bam ngokundivelela kwabo kwixesha elidlulayo, ndinovuyo olukulu uku- bazisa ukuti—ngoku ndenze amalu- agiselelo okukwelisa enqanaweni

UBOYA NE ZIKUMBA

—ZAM—

ZIYE PESHEYA,

ndize ke ngoku ndibe nokuzi tengisa ngawona maxabiso apezulu, ndaye ndiqinisekile ukuba baya kwaneliswa.

Ungake ucinge ukutengisa pambi kokuba uye kwa C. E. NIXON.

Endawo yoboya nezikimba ndizelwa YINTO ENINZI YENGUBO, Impahla zamankazana, nezinye zonke, ngamaxabiso apantsi. Qondisisani apo akona

C. E. NIXON,

Otate Indawo ka J. Newing,
Cambridge Road and Ayliff Street.
E QONCE.
U
W. J. STEWART
(Ogama limbi lingu SITULO),
UNGU MGCINI-NCWADI, UMLUNGISELELI WENGXELO ZE MALI, UMHLANGANISI WAMATYALA, KWANOBU ARENTE.
Umbhali we Kaffrarian Building Society
Downing Street, King Wm's Town,
P.O- Box 117

Pezu Kweminyaka 60

O-COOPER,

Njengama gqira empahla nama fama, benza Umpilisi we Bhula nezinye izifo zaselufeleni lwegusha, into leyo abayinyamekele kakulu kulo lonke ilizwe.

Akuko mzi wumbi Emhlabeni apa unokuteta oku.

Njengama fama O-COOPER bayazi into efunekayo kwi Dip ye Gusba, baye nanje ngamagqira Empahla Nabenzi mayeza besazi indlela yokuwenza.

I DIP KA COOPER isetyenziswa kwigu, sha ezi 140,000,000 ngomnyaka.

Pambi kokuba utenge i- Dip kauzibuze

LOMBUZO:

Kunganina ukuba eka COOPER isetyenziwe kakulu ngapezu kwezinye?

IMPENDULO

yozizela ngokwayo—Kungokuba ama- fama ezindaweni zonke afumana ukuba iwanika *elona xabiso ngemali yawo;* ke ngoko

ISIGQIBO siyakuba—

Yeyo COOPER

qa endoquba ngayo

Yaka Umzimba

Woba uyazinqabisa esifeni. Akuko yeza ligqite SCOTT'S EMULSION ekulungiseni umzimba otyafileyo.

Emva kwe Fiva

Umntu uyabitya abe nokutyafa, yayo ne fiva iyakumana imhla ude umzimba womelela. Kautate i

Scott's Emulsion

Onke amagqira okuxelela ukuba batinina abantu ababe bityile betyafile ukomelela, bafumene impilo kupela ngoku tata eliyeza likulu.

Amawaka Onina

Banika i SCOTT'S EMULSION kwintsana zabo, bayisebenzise nabo, kuba ityebisa ilungisa igazi, iqinisekisa' OOkukula kosana lomelele. Akukonto iluncedo ku kohlokohlo, Ingqele kwane sifuba esingomeleleyo njengayo, ifanelo ke ngoko ukutengwa

Yimilwelwe Yonke.

Inokufunyanwa kubatengisi mayeza Nezitora Zonke.

LIVERPOOL and LONDON and GLOBE INSURANCE COMPANY.

Accumulated Funds, 31st December, 1896—£9,956,421

Income Exceeds £2,295,000 | Claims Paid Exceed £33,859,000

Fire Insurances effected at Lowest Rates

Head Office for South Africa—Colonial Mutual Buildings, Cape Town
Manager—WILLIAM HAY.

Branch Office for the Frontier—Downing Street, King Williams Town

P.O. Box 6] Local Secretary—HOWARD MARKS.

UKUFUDUKA KWE VENKILE.

U

GEO. HATCH

—WE—

ZITORA ZABANTU

Uye Kulamzi wazekayo ubuno

Ixesha lelide.

Lomzi uhlaziywe wagqitywa wafakelwa indawo ezintsha.

*IMPAHLA YONKE INTSHA IYEYOHLOBO OLULUNGILEYO*

Eyona ndawo Itshipu ayo Edolopini kwimpahla lyamankazana nezinto ezityiwayo.

KUFUNWA!



1,000, 000

Leponti ubunzima be

HABILE

KOTUNYELWA KU

J. HODGES & CO.,

QUEENSTOWN

KUFUNWA!

John Lumsden and Co.

(KUMZI WO LUMSDEN),

E GCUWA.

BANOVUYO ukunqwenelela Izihlobo Zabo Ezintsundu nabaxasi umnyaka. wokonwabo nonempumelelo entle Impumelelo kwizihlobo zetu Ezintsundu iteta impumelelo kumsebenzi wetu esiwuquba nabo nge nzondelelo ngo kubanika amaxabiso angawo " ahlaulwa kwaoko " nakuzipina intlobo zempahla zokurweba ezitengisayo. " Umzi wetu " uyakusoloko uzele zimpahla zentlobo zonke ezilungelelene nabahlobo betu abantsundu. Ngokukodwa sigcina Impahla epeleloyo yokutshata eyo mtshakazi nomyeni, i Wedding Cake ne zonka njalo njalo. Sinqwenela ukuti kanjalo kwizihlobo zetu ezintsundu sifikelwa zonke ezinyanga zimpahla eziza nenqanawa zivela e Scotland nase England, zitengwe kona kwezondawo zenziwa kuzo nge Cash. Nempahla zetu zitengiswa ngamanani afanelekileyo kweli lase MAXOSENI. IZIHLOBO ZETU EZINTSUNDU mazike zize kuziqondela oku, zitenge konke ezikufunayo. Tina sotenga intlobo zonke ze mveliso ngamaxabiso ape- zulu ase Malikeni xa bayizise kuti.

JOHN LUMSDEN and CO

E GCUWA.

ALLEN & CO

Base GCUWA

BANEMPAHLA eninzi ezi PRINTI ITYALI, inansuk zamabala onke.

Impahla etshipu neyomeleleyo. Kwezamadoda i Suti, Ibhulukwe ne Batyi zilapo. Izihlangu. Zamadoda Namankazana ngamaxabiso onke.

Icuba elimandi lama Mpondo nentlobo zonke ze mbe- wu nokutya ziko.

UBOYA! UBOYA!

Ivenkile Enkulu Yontsundu E Cumakala

Zisani uboya benu Imfele, Izikumba, Umbona, Namazimba, naye niya Kufumana awona manani apezulu.

Iswekile, Ingubo Zokulala, Ityali, Iqiya, Amabayi, Ilokwe, Majingo, Cumse, Intlobontlobo Zentsimbi, Ingubo Zokunxiba Zamadoda, Izihlangu, Ikofu, Zitengiswa Ngamanani

R.W. WADE

Ivenkile Enkulu Yabantsundu,

E CUMAKALA


NGOLWESI-NE, MARCH 17, 1898.

## *INGXELO NGE VOTE*

NGEZIMINI ZO Voto Ivamapepa, kuyinqaba ukuwupa- kela umzi amanani e Voti ; yaye kuyakuba lixesha leveki enye nezimbini mhlaumbi kungeko waziyo. Kuba kaloku kufuneka zingene kwi Mantyi zonke ibokisi afakwe kuzo amapepa oku Vote, pambi kokuba abize ama Gosa abebenyulwa azibale pambi kwawo. Isitukutezi sona asitetwa, kuba ibisamkeleka inqubo yamandulo, ingekabiko lemiteto yovoto ngamapepa, xa ebe sakwaziwa isaqutywa i Voti amanani afunyanwa ngamadoda ase- lugqatsweni.

## *NGE ALMANAK YETU.*

UMZI uyakusixolela kubasingaba nako ukuyikupa nelanamhla i pepa iAlmanak, njengokuba sibe siwutembise kwelokugqibela. Kukandanise imisebenzi enjengaye Sho neye Voti, yatsho nokuba inqume ibe nokukutshwa wanelanamhla. Yi Almanak enembasa " engazanga ibeko ngapambili, ezikolwa ukuba umzi uyakukolwa yiyo.

## *"ITOLE."*

KWANGESIZATU somsebenzi we Almanak ne Voti aliko " I Tole " kwe lale veki ipepa. Abaleseshi bolala ngenxeba.

Incwadi zocingo ezikwelanamhla ngonyulo kwelase Gqili zalata ukwa- mkelwa ko Mr. C. P. CREWE ngaba- ntsundu, nje ngoyakunyulwa ngabo xa kunyulwa ludlu Encinane. U Mr. CREWE uti intliziyo yake inye neka Mr. SAUER kwinto ezipatelele kuti bantsundu, aye amava etu ngalo mfo ka SAWALA engaweminyaka engama- shumi amabini, enodumo olunye e Palamente lokuba ungongenakuzinceda ukuba angamteteleli ontsundu. Angaba ulungile u Mr. CREWE (ali- kanyeli), kodwa ungaba ungene kwezabantwana umzi utate icebo nokuba lika banina ngomfo wodumo, obuhlungu kuti njengo Mr. SAUER. Njengokuba kungeko uti usilahlile, asisiti abangamlahlayo nangabanina.

Ibuto lesibini lama Joni e Berkshire Regiment, azo kutabata indawo yawemkileyoe Qonce nase Rini, lifike izolo ngetreni yase malanga, elinye laliselandulele ngeveki egqitileyo. La avela e Ngelane, amkileyo aya e Indiya.

Isibelegu esikulu saleveki sixelwa e Johannesburg, apo ngeveki egqitileyo kudutyulwe isihandiba sakona, esidumileyo, u Mr. WOOLF JOEL, ngumfo ongu VON VELDTHEIM, oyingcibi yomasbini. Bangebayateta ngetiki e ofisini kweviwa ngezitouga ezine. Zozine zatsho ebunzi ku Mr. JOEL, kwaba kuyapela. Ibanjwe ilinga ukuzidubula inkewu leyo.

U Mr. RHODES ube nenteto ayenze kwintlanganiso enkulu e Kapa ngezolaulo, wateta ngokuncipiaa irafu yokudla. Into enkulu ibikubonisa ukuba ukulungele ukuzibeka entloko yeqela apa ebelisoloko lifuna ukuba intloko yalo ibe ngu Mr. INNES. Kodwa nangoku siyoyika ukuba u Mr. RHODES uya kuwurazula pakati umzi wakowabo. Ote cwaka ongekazi libali iziganeko zake ezingezihle, awuyikuvuma ukuwalandela amarau; aba baya komeleza i Bonti engati, ukuba iqube ngokupola, ibaginye kanye. Ngekuzanywe kwa u Mr. INNES.

Umcimbi wokugxotwa kwe Jaji Enkulu e Transvaal ngu PAULI ungati uzikuduba. Sitsho ngempendulo eyoyikisayo ka Mr. CHAMBER- LAIN kwi Bandla lase England, ku- mbuzo wokuba ucinga yena ukuba esisenzo sesokwapulwa komnqopiso na wokumiswa kolaulo lwama Bhulu ngu Kwini, Umpati Koloni ute akakabi nakuyipendula lonto, uva ukuba u Mr. KOTZE unencwadi ayibhalelo kubo Engilane, aya kuyisingatisa Abacazi-Mteto be Nkosazana yakufika, ibe ngabo abalata into ekuyiyo.

Entetweni ayibekise kubameli ematyaleni abebemtaruzisa u Mr. KOTZE uti watenjiswa ugxoto ngu PAULI mayelana netyala elisizekabani, ekwatiwa ukuba akamgwebelanga u Rulumeni uyakucitwa. U OOM uyipikisa lonto ngokucapuka konke. U Jaji ogxotiweyo wenze isifungo sasemtetweni ngalonto. Enye into ute ubhenele emzini njengokuba ubuke wangati uyamrorela ngokuba uwunceteze pesheya, uti uyakugwetywa nguwo tanci, ibe kuncama ukubhekisa Engilane. Ngati umfo ka KOTZE ufun' ukuwarolela obeqili elizikot' emhlana ubulumko.

Amalungiselelo selesenziwa e Luau- tu okwamkela i Ruluneli, ekangelwe ukuvelela elo mayelana no 6 April ozayo.

U Rev. J. P. RITCHIE, we Dipente e Komani, ute ucinga ukuba ngumnwe we Nkosi ombizela kumsebenzi obanzi ngapezulu e Bhai. Uya kona ke.

Nakwakubeni asetyenzwayo ululiwe wase Cookhouse ngecala langase Klipplaat, akubonakali msebenzi kweli langase Qonce. Kutiwa u Mr. WALKER ude wapumela Upindele kwase Ngilane

Mayelana nezonyulo lwase Bhofolo ipepa liti u Dr. DARLEY-HARTLEY senguyena ngati uyamkeleka emzini endaweni ka Mr. HUTTON.

Ngo Mvulo umlilo utshise indlu e Oxford Street, kufupi nololiwe e Monti.

Inenekazi lase Rini, u Miss JACKBOX, litshone e Cawa ngeveki egqitileyo libe liquba elwandle.

Kuvakala ukuba ivenkile esikolweni sase Ncemera zihluma nje nge nkowane.
Eseziko
zintlanu, kodwa kuko ingozi zakude zibe ngaka, noko ekuxalekileyo ngayo ikakulu yentsha engase stishini kanye.

Siyavelana kunene no Mr. PETER MTI wase
Monti, kwinxwaleko emhleleyo ngetuba lomlilo wo Mvulo wase

## Ufumene ngapezu kwabe Kufuna.

Umbhaleli wepepa eliyi " Dagbald " owamangaliswayo e Wellington.

Umbhaleli wepepa lendaba uke eve izinto ezingummangaliso. Ngenye imini umbhaleli welipepa, itsho *Dagblad*, wati ngokuva udumasi lweyeza elitile, engakolelwa kulonto, waya kuzivela kumntu elalimpilisile. Ufike u Mr. Henry Rogers esendlwini yake e East Street. Nanga ke amazwi awatetwa ngu Mr. Rogers ngo- kwake

" Sendineminyaka engama 41 ubudala, iminyaka enga 25 bendisebenza pantsi ke Messrs. Atherton be Masonic Hotel and Stores. Mzuzwana ndakatazwa kakulu lihlaba ecaleni nasemipungeni, ndaye ndikohiela into engenasipelo. Ndalinga onke amayeza akandicenda nto, ndada ndeva ngesi Pink Pills zika Dr. Williams lemilwelwe. Ndazitenga ndazisebenzisa ngenyameko. Intlungu zaya zipeia, azikazanga zindibuyele, Ndandincipile ukuqaiakwam ukuzitabata. Ngoku ubunzima bam zipenti ezinga 225, ndongezeleleke ngama 50 eponti ukususela kwixesha endaqala ngalo ukuzitata i Pills. Ndizikolelwe kanye, ndicinga ukuba ngekungeko mntu uhleli ngapandle kwalo xa kuko sifo. Seloko ndapilayo udihlala ndihlale nditate enye ndakuqgiba idinala. Ndi- tsho kunzima ukuba ndibe nebhotile ngenxa yezihlobo ezire ngokunyanga kwezi Pills. Bendingakuxelela abantu abaninzi abapiliswe ngendlela engummangaliso zizo. Uze uqonde kuko umfazi owapiliswa enedumbe. Akuyikolelwa lonto? Ukuba uyatanda ndingamtumela abizwe."

Ute umbhaleli angatanda ukulibona eli- nenekazi, u Mr. Rogers watumela isicaka ukuya kumbiza.

Ide yafika lentokazi ibuso bukululekileyo imehlo mahle. Akamangalanga ukubuzwa wati igama lake ngu Mra. Matrina Marratt, ubudala ngama 52 iminyaka, (noko akangeleka engapantsi). Ute " Ndandimi ngasezko ngomnye umhla, lasuke icala lasekohlo lonke lafa, andabinakubamba nto ngalo yayinqaba nokuyipakamisa. Ngoku ndiyipakamiaa ngokuiula (watsho epakamisa). Wabizwa u gqira wati lidumbe, kodwa ke aka- nakundenzela nto, baye ubuso bam bujikekile apa esilevini. Intsuku ezili 14 ndandingena kushukuma, wada u Mr. Rogers wandipa i Pink Pills zika Dr. Williams. Ngokuyalelwa nguye ndazi- tabata, zandipilisa, emva kweveki ezintu lapela idumbe, ngoku ndipilile." U Mr. Rogers ngezi Pink Pills ngumncedi womzi, ngobubele nangokusizela a baser, intlungwini, zininzi ibhotile ze pills ape ...



BISSEKER, GEORGE AND CO.

Abatengisi Abakulu Bezihlangu.

ZIHLANGU NE SHUZI

Bisseker, George & Co.,

INDLU YESI- HLANGU, ZENTSHINGA, YENDLOVU, PORT ELIZABETH

## J. HILNER,

Umenzi-Wotshi Nemisebenzi Yobedu

E-QONCE.

Xana ufuna Iwotshi, Intsimbi Ezinkulu Zamaxesha, Nempahla Yentsimbi Yentlobo zonke—kubhekiswa kuye.

*Ikipala ezilungileyo ze Golide; Imisesane yokungeja neyokutshata iqalela kw 7s. 6d. umnye.*

Abamgama bayitunyelwa Impaba nge Posi ngepanyazo

## M. ARMSTRONG,

(Late A. MELASS),

NGUMENZI NOMTSNGISI MAYEZA, CATHCART ROAD, QUEENS TOWN.

INTLOBO zonke zamayeza okunyanga abantu, nempahla ehambayo. ubuqolo, imifisi, zinokufunyanwa ngaba ntsundu

## IZINTO NGEZINTO

ISIFO SAMAHASHE KWA MZILIKAZI.—Ayafa kubi amahashe kwa Mzilikazi. Kona akuko nyaka angafiyo.

ISIQAMO SEZASISO.—Ifama ebekuvakalizwe nge *Mvo* ukuba iyaqeshiswa e Blaney ifunyenwa leline lamanene akowetu amkela elipepa

OBONDE UMQA.—Indodana yangaze Tyusha abati ngu Sem Qwesha, ilindiselwe i Jaji yi Mantyi yase Qonoe, ngokutabata inzwakazi ezimbini; enye yeyase Zeleni eyayitshatela e Monti ngo May, enye yeyase Rura, awayitshata ngo September kwalo. nyaka. Ngoku kuqin' inqawa kunkabi.

ATI UKUBA!—Kuko um Trenskei olila esimantshiyane kuba indawo yokugcina imali ye Bhunga ibe ayifunyanwanga ngu Mr. A. K. Soga, kube siti wayeyakuba luncedo kwelama Mfengu ebantwini naku Rulumeni ngendlela ezininzi. Akuqondakali ukuba waye selugqatsweni na kale ndawo a Mr. Soga lowo.

U STOKWE B BOVOLO :—Intlanganiso ka Sir H. Strookenatroom nomzi omhlope yapuhlisa imfundo ate kube kayakulunga kakulu ukuba itotywe ukwenzela abantu abengamakhwelwmpu babe nokayifumana Waye esiti akateti ngabala linjanina. Malunga nerafa yotywala kufuneka yona inyuswa. ...

SEMINYAKA NIKU- hamba ngalo wezibonelelo, nokuthi alikho se Paramento isipo sese minyaka eliwaka...

Sekuvunywa kwela indaba ukusina ukuya kawuhlola lowomhlaba. Nantso into okade uyitandazela bawo Mjila nawe xego ne xegokazi lase Nxukwebe. Kaba elozwe libe lilelika Nobengula ka Mzilikazi, ka Mashobana, ka Sobhaza ka Ndungunywa. Ekubuyeni kwentlola sekuya kufudukwa ngabaya katanda ukuya kwa Bulawayo. Into zo Nkubevaua o Josiah, sezaya kalishamayela kona, zafika sekuqaliwe.

ABAHLAZIYI BEZI BHALO.—I Bodi yaba- hlaziyi bezi Bhala ngenteto ye Sixosa bebe- dibene kwakona ngeveki egqitileyo apo e Qonce. Kube kuko o Revs. Dr. Kropf (esi- talweni), Canon Woodrooffe, M.A. (Oxon), P. J. Mzimba (otate indawo ka Dr. Boss,) E. Makiwane, W. Philip no W. Rubusana kwano Mr. Tengo Jabavu. Kuleswe incwadi ka Dr. Wright we Bandla le Baibile e London, ivakalisa umbulelo ngesigqibo se Komfa yama Wesile mayelana noguqolo luka Rev J W Appleyard, ukuba lungaqutywa de kubonwe into oluyakuba yiyo oluguqolo. Wayaleza ukuba ekuwuqubeni amasebenzi i Bhodi ibakubumbe abazalwana ababutataka abanganeliswanga luguqulo olutsha ingaba bekeli ilitye abaya kukubeka kulo eluguqu- lweni. Kuqalwe amsebenzi kwabase Filipa kwapelwa ngeyo 1 kwabase Tesalonika. Kubeko ingxoxo ngamagama abantu anje- ngo Benjamin " nangokuti " Kwabakwa" Fulepu, besiti abanye selaqeleka ngo Benjamin, njalonjalo. Abayeke- lwe akabuye akangelwe. Kwamanye amagama ngo " azilambatanga " 1 Tes. ii 1. Esiti omnye akwenjiwanjalo xa kutetwayo, kanye mayibe " yinto engenanto." Alapu- melela eto eebo. Elandelayo yoba ngo May; Abanga baugauoedisa ekulangisweni kwe. nteto bangaqala kwi II Tes. i, batumele nakulipina ilungu le Bodi amagama angala- li kamnandi kobo nakwezilandelayo isahla- ko.

UMPANGA KA MR. P. QWBLA WASK PIRIE,—Umfi a Pita Qwela ebeke senza inqaku nga- ye ubeyindoda ebalulekileyo e Pirie, eku- ngemangaliso ukuba u Rev. N. Matshikwe wakona abenamanqaka ngobom bake, esita. bata ezintloko:—Ubeveki intatu egula Ezoveki wayese ntlungwini enkula. Lomfo ka Qwela ushiye ibali kwisizukulwana sakowabo. Wazalwa ngexesha u Maqoma wasuswa e Katala wesiwa e Gqolongqi. Uyise ngu Qwela, into yasesi Tatwini, unina ngu Nowelo, intokazi yasema Ntakwendeni. Kutiwa uyise etyalikeni kwa Bhalaneli, kutiwa uyise wasikwa kuba kasitiwa ulahlekile ngatnako. wabo, kuba ehamba etyalikeni. U Pita ute waliva iliswi lika Tixo e Xesi lika Laake. Uti wati akuyiva lento wakubeke into eti kuye—lento iyinyaniso. Walamkela ilizwi xa ayindodana. Wapehlelelwa nga Lose omdala. Akazange asiwe esikaleni. Uti wayizuza ngalendlela imfandwana abenayo Wati ese Bini, wabona umlingane wake elesesha e Testamenteni Entsha. Uti wati: " Kaundifundise nam lento uyenta. yo;" Wavuma omnye, wamfundisi ukupe. Iediiha ivesi ezine, ezazaluko seat Tatu so Vangeli ka Yohane, wawa ke wamyeka. Wazazmela ezinye. Uti abesiti apo afike wakohlwa rona eme, asiqale kwasentloko isahluko ade eze kuti ngqu kulendawo akoblwe kuye afikayi, aqale adlulele kweziwe indawo. Wada wasuka wasoyisa eso sahluko. Akanela ukuazazi ukuaifunda wadwa wasazi ...

## I Emele Ezimbini Nombhobho.

Tata i emele ezimbini zamanzi uzigqo- boze ngapantsi uzidibanise ngombhobha- na, zalisa enye yazo ngamanzi ngokufike ubone okokuba amanzi ogqobozela nakwenye.

Uyabuza uti, " Kunceda ntonina ukuteta oko ? " " Nasipina isiyata siyazi ukuba amanzi kumadam agqobozeleneyo nobunzulu obulinganayo kunjalo kanye, kanti awona madoda alumkileyo emhlabeni akayazanga lonto kamsinya. Ukuba ama Roma akudala ayekwazi oku ngelengakanga lemijelo yawo mikulu. Yinina le! Emva kokuba into ixeliwe ukuba baninzi kwabantu abati bayibone.

Kodwa ke bayibone kwase kuqaleni? Ifuna umntu omehlo abukali lonto. Kwa- ye nokuyicaza kufuna umntu ongqondo intle. Igazi eli lalibaleka emibhobheni yomzimba kungekabo noinntu omnye ora- nela ukuba kuko into enjalo. Asimmanga- liso lowo? Ke kuko nto—kodwa masesi- qala ngokwenza umzekelo ze siyicaze lonto kamva.

Kuko umfo obhala ati ngentombi yake: "Ehlotyeni ngo 1890 intombi yam u Rebecca wangenelwa kukutyafa, waye nomnquma, ati akutya abe natnahlaba elucabangeni nase caleni. Kanjalo waye katazwa sisisu, ngumqala, nentamo. Ube mana ukubila futi, abe uepika ngangokude kube nzima nokulala. Waya kumagqira amabini ampa amayeza, aka- nceda nto.

" Waba kwesisime yada yangu January ka 1893, awati ngoko watabata Incindi Epilisayo ka Nozala Sijili. Lasebenza ngokukodwa. Incedwe kwa yibhotile yokuqala. Wakutanda ukutva. waya esomelela. Ngokuzingisa kwakuyeza wa- pila emva kwenyanga ezintatu. Ukususela oko upilile. Iutombi yam eseyitsha- tile yati ngokubona ukuncedakala kuka Rebecca, yalitata yapila kweso sisu yayinaso. Owako ngenene (Signed) BARTHOLOMEW BELL, umtengisi wokutya, njalo njalo, wase Brompton, Northallerton, October 25, 1893."

" Bonke ubomi bam," utsho omnye umtazi, "solokc ndaba ngumntu ongapilanga. Ndinokutyafa, nokudinwa, nokupelelwa ngamandla, ndingatandi nokudibana nabantu. Umlomo wam umbi, kufuti ndiziva ndinokungapili okukulu, ndingakufuni ukutya, kauti ndityile kusuke kuti shici elucabangeni, ndibe nehlaba ecaleni. Babanjalo ubomi bam iminyaka emininzi. kwisituba seminyaka emibini egqitileyo umntakwetu wandixelela nge Ncindi ka Sijili. ... Ndizinikela ...

... Ndicelegqira lako kwayoiazelele ... Sendisiva into embi. Ndingevanga ngelixeshi ... Kwase buntwaneni," utsho omnye, wa jula kakulu. ... (Signed) Mrs. Hewitt, Goodwood, 2, Randolph Street, Leicester, May 10, 1893."

... Amayeza ebendiwasela ebendinceda okwexeshana. ... Ngo January ka 1892, umhlobo ese Hackney wandixelela ... Ndayisebenzisa, yandipilisa. *Andizanga ndiphinde ndigule kungoka ndibonwa* ... (Signed) ... Cambridge Road, ... April 20, 1893."

Niyabona ... Nozala Sijili iyazipilisa ... Zonke izifo ...

... Lelwe ... AKA INGOBOLA ...

UZONGOBOLA ...

Adhulileyo ezilyalo ...

... njalo njalo | ... 2 6
Elase Afrika— Lokupilisa. iziiyo kwaoko ... 2 6 Incindi Yezityalo—Yokupilisa intloko ... 2 6 Umhlambi Omtsha we liso—Wokupilisa amehlo abuhlungu ... 1 6
Umciza we Zityalo wo Alkali—Wece- sine ... 2/-, 2/6, and 3 6
Elokuqaba Elitsha — Le Ngqangqambo Zamatambo ... 2 6
Xjmdambisi—Wokutsha ne Zilonda njalo njalo ... 2 0
Umciza omandi we Rhubarb—Wokunce- da intsana ... 2 6
Elemisipa—Lokuruneka ... 1 6
Elase Indiya lokunika mandla—Xa uno- kutyafa njalo njalo ... 3 6
Umpilisi Ongumangaliso—Amafuta ama- nxeba nezilonda njalo njalo ... 1 6
Umsebenzisisi wo Tyanoli wazi ... 1 6
... Nozala ... njalo ... 1 6
Umnyaka we Sijili ... 1 0
I Germicide—Zokupilisa izicutengo njalo njalo ... 1 6

*Onke amayeza angento ... Nozala Sijili ngesi Xosa.*

## JESSE SHAW,

MEDICAL IBOTANIST, ETC.,

FORT BEAUFORT.

Hadjie Nasiep Amos,

Umtungi we Ngubo,

28, Ross St, Malay Camp, Kimberley

UNGUMTUNGI wodidi olupambili. Impahla ayigcinayo yebuhlungu yodwa, netandwa ngamanene ayaziyo lento ikuhlalwa zingubo zelixesha. Umsebenzi wake e Dayimani ungowanelisileyo, Amanani ngalungelo elixesha

Ubulela bonke abantsundu abase Sikwatini nabanga pandle, ngenxaso ngale minyaka ilishumi igqitileyo,

...

Fort Beaufort, Hlanu, March 18. ... King Williamstown, Mvulo, March 21. ... Uku Mardi 28 ... Ismaseh 30 ... Cala, Tatu April 6. Butterworth, Bini, April 12. Umtata, ... Mvulo April 18, Kokstad, Mvulo April ...

## UM KONDO WE YUNONI

## Ikomponi Yenqanawa ye Yunoni

OSTEMELE BASUKA EMONTI Ngoluhlobo

Ukuya E NATALA, mayela Ngolwesi Tatu kanye ngaveki mbini

" " E ZANZIBAR, mayela Ngo Mvulo Wesine we Nyanga

" " E DELAGOA BAY, mayela Yonke Imivulo

" KUMAMAZIBUKO eli ne NGILANE. mayela Yonke Imivulo

*Ofuna ukuqonda ngapezulu angabhekisa kwi Arente zetu:*

| | |
|---|---|
| DYER & DYER, Limited JAS. | King Williams Town nase Emonti |
| HODGES & CO. SAUER & | Queens Town. |
| ORSMOND CHRISTMAS & | Aliwal North |
| LAMONT | Molteno |

## UMKONDO WE KASILE.

## Donald Currie & Co., Abapati.

O STEMELE ABACANDA ELWANDLE:

ABENCWADI —Basuka e Monti ukuya e London, badlulo e Madeira, case Plymouth, banduluka ngo Mvulo, kabini enyangeni.

ABANGAPANTSI KWABO.—Banduluka e Monti ukuya e London, badlule e Lae Palmas, e St. Helena nase Ascension ngamaxesha atile, mayela ngolwesi Tatu, kabini enyangeni.

ABAHAMBA NGO NXWEME :

Banduluka e Monti ukuya e Bhai nase Kapa, ngo Mvulo nangolwesi Tatu, kabini enyangeni.

Basuka e Monti ukusinga e Natal, ngo Mvulo nangolwesi Tatu, ka- bini ngenyanga.

Qondani ukuba u Stemele oyi R.M.S. VENICE unduluka e Monti ukusi- nga e Natal zonke iveki a kufika ovela e Kapa.

Abanga bangaqonda ngexabiso le Flara nemali yokukwela mababekise ku

ALLAN B. GORDON .................................... Eqonce.
W. A. BERRY ................................................ Ekomani.
YEHR & CO. ................................................ E Burghorsdorp.
MALCOMESS & CO......................................... E Alvani.

Nokuba kukuzipina- i Arente ze Komponi ezise Koloni.

The C astle Mail Packets Company (Limited), Terminus Street, East London.

IKOMPONI ENTSHA YASE JAGERSFONTEIN YOKU- MBA NOKUPANDA, LIMITED.

## Umngxuma wase Jagersfontein.

*Amadoda apilileyo, awomele Seyo owuzuza umsebenzi,*

Imivuzo Iyamkeleka. kutyiwa kwakona nempato intle kakulu.

H. & J. HENRY

... *ezikuwayilini ...*

Swekile Eowangqa

## PEACOCK BROTHERS,

NGABATENGI abakulu Bokutya, benika awona Manani alungileyo. E Komani apa wakuke uye kuva into abayibizayo pambi kokuba utengise nokuba kupina.

Ihabile Ezinkonzo,

Ingqolowa

Irasi, Imbotyi, I-ertyisi, Um- bona, Amazimba, Isahleli benawo.

THE NATIVE STORE.

## IKaya Labahambi.

*Ikuba Litengwa Ngokubonwa.*

## KULAPO IFELE KONA INKOMO.

Isuti ziqalela kwi 13s 6d zinyuke. Idyasi ziqalela kwe 7s zinyuke.
Ibulukwe ze Twidi neze Kodi, ziko ngamanani onke.
Iblankete zezamabala onke. Izibalala ziqala kwi 10s 6d.
Singasateti ngezihlangu zona.
Zilapa, Iprinti. Umgubo, Umbona, Iti, Ikofu, nayo yonke into efunwa ngumntu ngamanani amahle.

*I Bayibile, Amaculo, Imibedesho, yintonina engekoyo ?*

ICEBO LETU : Intliziyo ekalipileyo,inteto enyanisekileyo nezandla ezimsulwa.

Iko Ikofu Eshushu, Nenyama, Nesonka,

—KWA—

## James Greig, THE NATIVE STORE NGASE LOKISHI E MONTI

## Jongani apa Batembu! Umzi Wenu!

J. W. GARRETT & CO., IZITORA ZE GLEN GREY,

LADY FRERE,

IVENKILE ENENCASA, IMPAHLA IHLABA EKOSI!

Betani uxongo Manene, Maledi, nityebise "amagabuko" kona! Sondelani! Ibeta ugovane ati ewaka !

Izambato, Imixesho, Impahla Zendlu,—zonke izinto betu. UBOYA IZIKUMBA, UKUTYA, ne Mpahla Ehambayo-yiyona Ndlu encamisa igila ngexabiso elihle. Hlohlani izipaji nize Unconywa nga Bamhlope na Bantsundu

# DYER&DYER

(LIMITED)



ARE AGENTS TOR THE

Union Steamship Company, Ld, British South African

Company Commercial Union Assurance Co.



Large Stocks are held of

## ROUGH and SOFT GOODS,

OF ALL DESCRIPTIONS.

## GALVANIZED IRON, *CEMENT*

*Etc etc etc*

*APPLY TO*

# Dyer and Dyer, Limited,

GENERAL MERCHANTS,

KINGWILLIAMS TOWN & EAST LONDON

# F. SAYMOUR DENT

(Obesakuba ngowe shishini Io G. DENT no NYANA. e London, nangase ntshonalanga Engilane)

Umenzi-Wotshi Nezivato Ezicikizekileyo,

UVULE ISHISHINI KWA KOMANI.

NGENXA yokumkelwa kwe Wotshi no Kloko ezandleni zamaqitala nezingenamava ukuba zilungiswe ngamakuku ati apatwe kabubi kanye ngangokuba onakale konkena angabi saba nakunceda bani. Umsebenzi apa ongxakangxaka nocikizekileyo wentsimbi elinamisayo, no wotshi zodidi olupakamileyo uruna eyona mpato icikizekileyo nowona msebenzi wobulumko, isiposwana esincinane ekutakeni nase ...

| | |
|---|---|
| Ukuhonjiswa nokuhlanjwa kwe wotshi kuqala 3s (1d 1 | Iwotshi Zamanenekazi zegolide (zifunge- lwe) ziqala kwi ........................£1 5s |
| Ukuhlanjwa nokulungiswa kwe wotshi ne spring esikulu esitsha kuqala kwi ...5s | I Waterbury nezelama Swiss Iwotshi (e- zigcina amaxesha) ziqala kwi 7s 6d |
| Ukucokiswa kwe Kloko (zonke intlobo) from 3s 6d | Imisesane Yokutshata ne Kipa ziqala ... |
| Igilasi ze Wotshi ziqala kwi ............. 6d | |

Paulani uhlobo lokubhalela F. SEYMOUR DENT, "The Clock," QUEENSTOWN.

I-Ofisi Yokuquba Umsebenzi Wezaziso no- kunika Amacebo ngezinto ngezinto.

CAMPBELL BROS.,

E QONCE nase JOHANNESBURG,

Bangababali, Nabapicoti, Nababuti bemali ezibaliweyo; Abameli EMATYALENI, Kwezomhlaba, EMSEBENZINI, Emafeni, Ezimalini, Empahleni, Imveliso Yomhlaba, Ngabameli kwinto yonke (Commission and General Agents).

BAZIMISELE ukunyamekela yonke into abayivalezwayo, kanjalo abazingcibi kwimisebenzi yezandla, abawazi kakuhle umsebenzi wokumba emingxunyeni, Abasebenzi, nezicaka zezindlu ezifuna umsebenzi, abanga madoda kwana manenkazana, Omhlope nontsundu *bofumana kulilungelo* ukuke bafike kwi Ofisi yabo ekuhlanganeni kwe ALEXANDRA ROAD ne CATHCART STREET, nakwa W. D. SOGA, e-Bank Street.

Abapati bemingxuma bozuza icham elikulu ngokuya kwaba barnagama abalwe ngasentlapa.

# BON MARCHE

## JOHN W. BAYES & CO.,

## IVENKILE ENKULU ENTSHA,

(Ene Veranda ne Tawa ekoneni ye Bathust Street ne Bala le Tyalike ka Bishop.)

*Yeyona VENKILE I TSHIPU kwimpahla Yendidi zonke—KUMADODA NAKUBAFAZI,*

Ifelane, Amabhayi. o Matros Boboya, Ingcawa, Ifurini (Winseys), Ifle- nelana 3d ngeyadi, Itaweli 3d inye, Izinto Zokugqubutela Ingcawa, Iprinti Ezibukali zama Jamani 6 1/3d ngeyadi, Ikeshmiya ezi Blanket nezimabalabala, Ityali Ezimnyama Nezimabalabala, Idyasi Zamado- da Ezinzima 10s. 6d., Ibhulukwe Zekodi 4s. 9d., Ibhatyi Zekodi 6s. Nemingwazi ozi Felt.

*Ibhaso Lesheieni linikwa kwi Ponti nganye umntu alenge ngqo.*

JOHN W. BAYES & CO BON MARCHE

GRAHAMSTOWN

# J. LAMONT,

NKATULA! NKATULA!

QUEENSTOWN.

UKUPELA kwevenkile e Komani apo amafama anokuzifumana zonke izintn aziianyo. Ungaqala amehlo ecelela imfumba anazo ze Tyali, Blankete, Izibhalala, Ingabo Zamadoda, Ihempe, Printi, Izihlangu, Isali, —ngazwinye yonke into enokulangazelelwa ngumzi ontsundu, ngamaxabiso angazanga aviwe ngapambili e Queenstown.

—o—

Ukuze uyinakane nawe into esiyenzayo elifezekileyo ikuba 75 Eagle litengiswa nge 30/; Imixokelelwana yokutsala, yenkabi 10, 10/. Iswekile elungileyo emtubi 30/ nge 100lbs ; Ikofu 1/ ngepaunt. ... unemfumba yengubo ezingono- xesha, zonke ngamaxabiso abaluleke ngobupantsi. Lilo eli ixesha labahlobo betu bangapandle ukuba batenge,

IMVELISO.

Awona manani apezulu anokufunyanwa ngo Boya, Izikumba, Imfele, ukudla, njalo-njalo, njalo njalo.

J. LAMONT

Kwi Boloro yakwa Komani

QUEENSTOWN

UMCHIZA KA

## LUMSDEN

| | |
|---|---|
| UMFULAWENJA | Esisifo asinto yi- mbi ngapandle |
| UMFULAWENJA | kokuba. sisuke si- |
| UMFULAWENJA | wugqibe wonke umzi ngaxesha |
| UMFULAWENJA | nye. Siqala ngokumana |
| UMFULAWENJA | umntu eqaqazela yingqele, kude |
| UMFULAWENJA | kube buhlungu nengalo |
| UMFULAWENJA | nemiqolo, njalo njalo, ize kufike |
| UMFULAWENJA | Intloko ebuhlu- ngu, Nomqala, ne |
| UMFULAWENJA | situkutezi, noku- tamba. Ukuba |
| UMFULAWENJA | uqalwa zezi zifo funa Ibbtile ka |
| UMFULAWENJA | LUMSDEN Y o k u - nyanga Umfula- |
| UMFULAWENJA | wenja (Influenza Specific) olungele Ingqele, Intloko, njalo njalo. |

IXABISO; 2/- ne 2/6 nge POSI.

UTENGISWA KUPELA NGU

## R, LUMSDEN & CO.

MACLEAN STREET,

King Williamstown.

## INGCINCA EZIMANDI

ZIYAFIKA kati sonke, zisigcobisa ngoku- pindiweyo xa site sazamkela, sazisebenzisa. Lenteto ilandelayo yenge ngcamango ewe kumhlaba olangileyo, yaza ke yavelisa eso sipo sikulu siyimpilo efezekileyo. Umnumzana ondibhalele ese Klip Drift Farm Senekal, July 31, 1896, ui: —" Kungovayo olakula endikwenzela lemigcana imbalwe ngenxa ka Mrs. Jacob Smith, wale fama ikankanywe ngentla apa, owaye sifa yi Ngqangqambo Yamatambo kwi milenze yombini, nakwenye yengalo zake. Walala kwakwo elukukweni, eba wobambeka ixesha elide. Wada wakumbula nge Rheumaticuro yako, wayitenga kwi sitora esikafapi, wayisebenzisa ngokwe miqaqo yayo, ekute ke...

Eka JONES RHEUMATICURO

... Ngamanani amahle. Amatambo, Isinqe, Nama- hleza, Intloko, ... njalo, ipiliae intapane yezifo ebezikhuliwa kwezi ... Inokufunyanwa kubo bonke Abapitikezi Mayeza nakuzo zonke Ivenkile zalapa e Mazantsi-Afrika.

## C.P. PERKS NO NYANA

E QONCE,

YEYONA NDAWO YOKUTENGA

*Imisesane yoku "Ngeja,"*

*Imisesane Yokutshata, Amacici Namehlo (Spectacles).*

KANANJALO XA UFUNA

*UKUHLAZIYA IWOTSHI.*

MARKET SQUARE,

## Kingwilliamstown

Ivenkile Yezihlangu.

Xa ufuna Izihlangu: Qalakwa C.P.M., Ezona Zihlangu zihle konkena—Imejele nesezilungile.

C.P MATYOLO & co.

KING WILLIAMS TOWN

Abameli Micimbi

E. J. BYRNE,

(ATTORNEY, ETC.)

UMTETELELI-Ematyaleni, Umbali Minqopiso yengqesho neyentengiso mihlaba. Ukwa yi Arente ye Gresham Life Assurance Society. No. 33, Maclean Street,

E-QONCE.

ERNEST E. WEBB

(ATTORNEY, ETC.,)

UMTETELELI KUMATYALA AMAKULU ALE KOLONI.

Umbhali Minqopiso Yemvumelwano.

E-DUTYWA, pesha kwe Nciba.

UNOKUWATETA amatyala kuzo-zonke i Ofisi za Pesheya kwe Nciba—e Gcuwa nakwa Centane, & Willowvale, Ngqamakwe, Engcobo nase Mtata.

*Uquba ngenyameko nempumelelo eyiyo.*